



# UTata ufika ekhaya

Sewela Langeni


Heleen Steyn van der Merwe

Tammy Adendorff

# UTata ufika ekhaya

Le ncwadi yeka





pi-iiipipi!

vrrruuum

vrrruuum

Vrrruuum


pi-iiipipi!

vuvuum





pi-iiipipi!



vuvuum



Vrrruuum





bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit [bookdash.org](http://bookdash.org).

*UTata ufika ekhaya  
(Tata comes home)*

Illustrated by Heleen Steyn van der Merwe

Written by Sewela Langeni

Designed by Tammy Adendorff

Translated by Ntsiki Ntusikazi

with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 17 August 2024.

ISBN: 978-0-948602-24-5

Typeset in Belanosima and Quicksand

**This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence  
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).**

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.



Sewela Langeni

Heleen Steyn van der Merwe

Tammy Adendorff



Qho, emva kokuphuma kwesikolo  
ngoLwesihlanu, uDaluxolo uma  
angqiyame ngeengalo zakhe  
egeyithini, **elindile...**

Abahlobo bakhe bayamkhwaza ukuba  
aze kudlala nabo ibhola kwibala lebhola  
ekhatywayo kodwa usoloko esala.

Daaali!



A colorful illustration of two young boys playing with bubbles. One boy, wearing a red shirt and blue jeans, is kneeling on the left, smiling and gesturing towards the bubbles. The other boy, wearing a yellow shirt, is on the right, also smiling and reaching out. Several large, stylized green bubbles are floating around them against a light blue background.

Kaloku, kufika umntu  
okhethekileyo ... qho ngempelaveki  
**uTata ufika  
ekhaya.**




Wolula intamo yakhe akrobe endleleni,  
elindele ukubona imoto kaTata  
enguQongqothwane yakwaVW  
ijika ingena kwisitalato sakhe.

Yakuthi gqi ekoneni imoto kaTata, uDali  
ubaleka aye kukhwela kuyo ukuze bafike  
kunye noTata ekhaya.



Poopoo!  
Poopoopoo!





**“Molo Dali,  
nyana wam,”**

uTata uyakhwaza  
echulumancile, ngethuba  
evula ucango.

**“Ngena!”**





Xa ekhona ekhaya  
uTata, bayonwaba  
kakhulu yena noDali,

baqala ngokutya  
abakuthandayo  
abakuphekkelwa  
nguMama -  
**ipapa, ivosi  
nomhluzi.**




Kusasa ngoMgqibelo bavuka  
babaleke bajikeleze kwindawo  
abahlala kuyo.



Emva kwesidlo sasemini,  
uTata ufundisa uDali  
ukudlala imidlalo  
yamakhadi.

Emva kwemini, uDali uthanda  
ukubukela uTata xa epolisha izihlangu  
zakhe, elinganisa ngomlozi iingoma  
azithandayo ezidlalwa kuno mathotholo.





Usuku IwangeCawa lolona luba  
lusizi xa kufuneka bavalelisane  
kuba uTata ephindela emsebenzini.





Kodwa ke uDali akabi lusizi ixesha  
elide kuba enethemba lokuba  
ngoLwesihlanu,

**uTata uyafika  
ekhaya.**



pi-iiipipi!

vrrruuum

vrrruuum


Vrrruuum

pi-iiipipi!

Vrrruuum

vuvuum

pi-iiipipi!



vuvuum



